



Undwendwe IukaMbabala




UMbhali: Shelley O'Carroll

Imizobo: Helga Hoveka




UMbabala waphuma.

Washiya umnyango wakhe
uvulekile.




UMbabala wabuyela
ekhaya. Ucango lwaluvaliwe.
“Ungawuvuli umnyango okanye
ndiza kukutya!” latsho ilizwi.



UMbabala wabiza uNdlovu.

“Ungawuvuli umnyango okanye
ndiza kukutya!” latsho ilizwi.



UMbabala noNdlovu babiza
uNgonyama.


“Ungawuvuli umnyango okanye
ndiza kukutya!” latsho ilizwi.

“Intoni! Utye mna, inkosi
yezilwanyana?” wavungama
watsho uNgonyama.



USele waxhumaxhuma
waphuma.

“Ummangaliso! Ummangaliso!
Ndim!” watsho uSele.



Bahleka abahlobo!

**“Enkosi ngokundinceda,” watsho
uMbabala.**